# South Africa's investment drive intensifies

As part of building "a South Africa we want", President Cyril Ramaphosa says government will intensify its already successful investment drive.

This will build on the R300 billion worth of investments announced during the 2018 inaugural Investment Conference. Of these, just over R250 billion worth of projects have entered implementation phase.

"We continue to build a pipeline of investments, which will be showcased at the second South African Investment Conference to be held on 5 to 7 November," said the President.

The President made the announcement at the State of the Nation Address (SoNA) held recently in Parliament.

President Ramaphosa had appointed investment envoys to search for investors with deep pockets last year.



The President's Special Envoys on Investment include finance heavyweights such as former Finance Minister Trevor Manuel, former Finance Deputy Minister Mcebisi Jonas, the executive chairperson of Afropulse Group, Phumzile Langeni and chairman of Liberty Group and former CEO of Standard Bank Jacko Maree.

"At a time of uncertainty, the work of the investment envoys has built important bridges between government and the business community. From their feedback, it is clear that much more still needs to be done to improve the investment climate," said the President.

This, he said, includes reviewing the way government coordinates work to resolve challenges faced by investors and reforming investment promotion policy and architecture.

The private sector has committed to invest R840 billion in 43 projects over 19 sectors and to creating 155 000 jobs in the next five years. V SAnews.gov.za

# Iinjineli zezokwakha ezisakhulayo zinekamva eliqaqambileyo

**ISHISHINI ELISANDA** kuvulwa kwicandelo lezokwakha linazo zonke izinto ezifunekayo. Abaphathi balo ngabantu basetyhini abamnyama kwaye lizimisele ukufaka igalelo elimandla kuqoqosho lweli lizwe.

Abantu ababini abatsha badalela ulutsha imisebenzi, oku kwenzeke ngenxa yoncedo lwemali abayibolekwe yiNkampani yoPhuhliso lwamaShishini (i-IDC).

Abanikazi beMaloka Machaba Surfacing, uKate Machaba noMatshela Maloka, baqeshe abantu abangama-28, uninzi lwabo abangabantu abatsha, kwinkampani yetha enee-ofisi ezisePolokwane.

Ezi njineli zezokwakha zimbini zineminyaka engama-24 ubudala, ziwuthanda kakhulu umsebenzi wokufaka isandla kuqoqosho lweli lizwe.

Ishishini labo lenza iintlobo ezintathu zemisebenzi: ukuvelisa itha, ukugalela itha nokuthutha itha eshushu nebandayo.

Umxube wetha eshushu usetyenziswa kakhulu xa kusenziwa iindlela zetha uze wona umxube wetha ebandayo usetyenziswe xa kuditywa izigingqi ezindleleni. Umxube wetha eshushu kunye nomxube wetha ebandayo ixutywa kwiziko lenkampani yabo kwaye yomibini le mixube ikhutshwa nesatifiketi sokuqinisekisa esisuka eMocha Labs, yona eyilebhu yokuhlola yezobunjineli bezokwakha.

UMaloka, oligosa lesigqeba eliphezulu leMaloka Machaba Surfacing, uthi imali abayibolekwa yi-IDC yabanceda batsho bakwazi ukuthenga oomatshini bedidi eliphezulu abafunekayo xa usebenza ngetha. Aba matshini baquka iiloli, iiloli zokugalela itha, ezokugangatha nezokuyisasaza.



Umphathi wengingqi waseLimpopo we-IDC uKgampi Bapela kunye nabanikazi be-MM Surfacing uKate Machaba noMatshela Maloka.

## Ukufaka isicelo semali-mboleko ye-IDC

Isicelo semali-mboleko esafakwa yile nkampani saphicothisiswa licandelo lenkxaso-mali yamashishini. UMachaba, oligosa eliphezulu lezemisebenzi, uthi kwanyanzeleka ukuba bangenise ingxelo enesicwangciso esineenkcukacha ezigcweleyo ngeshishini labo ngethuba befaka isicelo semali-mboleko.

"Qinisekisa ukuba unalo lonke ulwazi ngecandelo ofuna ukungena kulo," utshilo, esongeza nokuba oosomashishini kufuneka bazi ukuba imali-mboleko yimali ekufuneka ibuyisiwe.

IMaloka Machaba Surfacing iqhuba kakuhle kakhulu ngenxa yoncedo lwemali elufumene kwi-IDC.

Izicelo zenkxaso-mali zingafakwa kwiwebhusayithi ye-IDC okanye kwii-ofisi zayo. Abafaki-zicelo bayanqonqoziswa ngu-IDC ukuba baqinisekise ukuba izicelo zabo zikhatshwa ngawo onke amaxwebhu afunekayo. Xa u-IDC efumana isicelo, uye athumele irisithi etshoyo ukuba sifunyenwe kwaye angamcela umfaki-sicelo lowo ukuba athumele amanye amaxwebhu okanye anike ezinye iinkcukacha.

I-IDC iye ibhalele umfaki-sicelo imnika impendulo yesiphumo sesicelo ebesifakiwe. Ukuba i-IDC yanelisekile zinkcukacha ozinikileyo ngeshishini elo, umfaki-sicelo uye acelwe ukuba atyikitye isivumelwano semali-mboleko.

# Skills development crucial for economic growth

More Matshediso



Skills development made it to the list when President Cyril Ramaphosa outlined the top seven priorities of the sixth administration during the State of the Nation Address (SoNA).

He read out 'education, skills and health' to be the second priority of government after 'economic transformation and job creation'.

The President said government will expand South Africa's high tech industry by ensuring that the legal and regulatory framework promotes innovation, scaling up skills development for young people in new technologies, and reducing data costs.

"Wherever we have gone young people have continuously raised the issue of the excessive high data costs in South Africa," said the President.

The President said he was aware of how data costs in the country affect youth's participation, skills development and contribution to the Fourth Industrial Revolution (4IR).

Broadly speaking, 4IR speaks to the changes that are taking place in technology. These changes bring a new way of thinking in terms of how technology is used at work, for everyday use and how people relate with one another.

He said within the next month, the Minister of Communications will issue the policy direction to the Independent Communications Authority of South Africa (ICASA) to commence the spectrum licensing process.

"This process will include measures to promote competition, transformation, inclusive growth of the sector and universal access," he said.

"This is a vital part of bringing down the costs of data, which is essential both for economic development and for unleashing opportunities for young people," he added.

The President also called on the telecommunications industry further to bring down the cost of data so that it is in line with other countries in the world.

## Paid workplace experience

Government will expand its programmes to enable young people to gain paid workplace experience through initiatives like the Youth Employment Service, and also facilitating work-based internships for graduates of technical and vocational programmes.

President Ramaphosa said government will continue to develop programmes to ensure that economically excluded young people are work ready and absorbed into sectors where 'jobs demand' is growing.

These sectors include global business processing services, agricultural value chains, technical installation, repair and maintenance and new opportunities provided through the digital economy and the fourth industrial revolution. V

# Umkhandi wamatye anqabileyo zimhambela kakuhle izinto

**UMKHANDI WEGOLIDE** waseLimpopo unethemba lokuqalisa inkqubo eqhutywa ukuphuma kwesikolo yokuqeqesha amanye amagcisa kwizakhono zokwenza imisebenzi yobugcisa yegolide.

Silusapho Nyanda

UKgaugelo Molope (oneminyaka yobudala engama-24) uyaqhubeleka nokuphucula izakhono zakhe zokwenza imisebenzi yobugcisa yegolide emitsha.

Lo mkhandi wegolide usePolokwane usebenzela e-Seda Limpopo Jewellery Incubator (i-SLJI) uthi amagcisa kufuneka ahlale eziqeqesha ukuze aphucule iziphiwo nezakhono zawo ezitsha.



Umnikazi we-KG Jewellery uKgaugelo Molophe ebonisa imisebenzi yakhe yobugcisa yamatye anqabileyo awenzayo.

"Amava anceda ukulola isakhono... Ngoku ndiya ndisiba ngumakhwekhwetha emsebenzini wam kuba lifutshane ixesha endilithathayo ukwenza umsebenzi wam. Futhi, izinto ezisetyenziswayo ukwenza lo msebenzi wam ndizisebenzisa ngobunono. Ezi zizinto ezibalulekileyo ezinokuyichaphazela indlela osebenza ngayo. Ezi zinto ndizisebenzisa ngobulumko kakhulu.

Ukususela ngowe-2015 ukuya kowe-2017 uMolope wafumana uqeqesho e-Italy kwezobugcisa bamatye anqabileyo ngenxa yoncedo lwebhasari awayifumana kwiMining Qualifications Authority (i-MQA) nakwi-National Skills Fund yeSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho.

Emva kokugqiba izifundo zakhe phesheya ezathatha iminyaka emibini, waye wathatha inxaxheba kwinkqubo yoqeqesho eState Diamond Trader.

"I-MQA yanika abafundi ibhasari yokufunda e-Italy... Emva koko, i-MQA yaye yadibana neState Diamond Trader, yona encedisa ngemali yokufundisa abafundi umsebenzi apha eMzantsi Afrika," utshilo.

Isatifiketi sakhe sezifundo zobugcisa samnceda ukuba akwazi ukusebenza njengomkhandi oyingcali wegolide, elona nqanaba liphezulu nelihlonitshwayo kwicandelo lwezokukhanda amatye anqabileyo kweli lizwe.

Ukuba ibingekho i-SLJI, ngengenalo eli shishini lakhe ngoku njengoko ebengazikuba nazo izixhobo zokwenza lo msebenzi awanzeyo. "I-SLJI indincedisa ngomlilo, wona obalulekileyo kulo msebenzi wam," utshilo uMolope, osebenzisa isilivere, uboya bendlovu kunye namatye anqabileyo ukwenza imisebenzi yobugcisa yamatye anqabileyo.

Umlilo awudingayo uMolope ukuze anyibilikise izinto azisebenzisayo kufuneka utshise ude ufikelele kwiqondo lobushushu elimalunga ne-1 000 °C.

Izinto azenzileyo uMolope uzithengisa ngokuxelela abanye abantu ngomlomo nangokusebenzisa amakhasi onxibelelwano.

Iphupha lakhe kukuvula iziko lokuphuhlisa izakhono zobugcisa ukuze aqeqeshe amagcisa afuna ukungena kweli khondo lokuba ngumkhandi wamatye anqabileyo. "Ndizama ukuqala izifundo zoqeqesho eziza kuqhutywa ukuphuma kwesikolo ukuze ndiqeqeshe amagcisa," utshilo.

**UBUSAZINA?**

**Ibhasari ye-MQA ingafunyanwa ngabafundi abafunda edyunivesiti, kwikholeji zeMfundo noQeqesho kubuGcisa nobuChule (ii-TVET) kunye needyunivesiti zobuchwepheshe.**

**Ukuba ufuna iinkcukacha ezithe vetshe ngebhasari ye-MQA tsalela ku: 011 547 2600.**